Founded 1922
HERSCHEL
GIRLS SCHOOL

ITSHATA YE-HERSCHEL YOKULWA UCALUCALULO NGOBUHLANGA

1. SIKHOLWELA EKUBENI

- ...I-Herschel isazinze phakathi koluntu olunganilinganiyo nolusacaluleka ngokobuhlanga, nto leyo ingumphumela wembali yelizwe lethu. Sikwakholelwa ekubeni inkqubo nezenzo zelo xesha kusafuneka zilungiswe kwaye zipholise amanxeba ayimiphumela yeminyaka emininzi yentlungu nokunqongophala kobulungisa.

- ...ukuba ukuzikhwebula ebusweni bentswela-bulungisa kufana nokuzibandakanya kuyo.

- ...ukuba ubuhlanga nocalucalulo ngokwebala asiyonto siyiqonda ngokupheleleyo. Ubuhlanga yinto eyakhiwe ngabantu, kwaye busetyenziswa ukubonisa umahluko phakathi koluntu. Inkcazelo elula ngobuhlanga ngenjongo yokucalucalula eyenziwa ngabantu abanenjongo ezigwenxa ngelizwe iyayifihla into yokuba, ucalucalulo ngobuhlanga yinkqubo yokungalingani ngamandla abantu abathi bazalelwe kuyo.

- ...ukuba, kubalulekile ukujongana nocalucalulo ngokwebala kwinqanaba lenkqubo yalo, ngokuthi sijongane nalapho luzinze khona apha kwiziko lethu. Ngoko ke, siyaqonda ukuba, ukulwa ucalucalulo ngobuhlanga sisenzo esibonakala kutshintsho kwiziko kunye nezenzo nokuziphatha.

- ...ukungalingani ngokohlanga akunakuqwalaselwa ngokungazingci okanye ngamathuba athile. Izenzo ze-Herschel kufuneka zicwangciswe ngokukuko nangobuchule, ziphatheke kwaye zithathelwe ingqalelo ngabo bonke abachaphazelekayo.

- ...ukuba ixanduva nomsebenzi wokuguqula nokulwa inkqubo yocalucalulo ngokwebala mazingaweli kwabo bathi bathwala ukanti basathwele ubunzima nengcinezelo ezimiselwe ezimbalini zeli.

- ...ukuba akunyanzelekanga ubekuluhlu lwabantu abajongelwe phantsi ngokwebala ukuze ube ulwa kwaye uphakamele ucalucalulo ngobuhlanga. Koko, kufuneka uphulaphule amava abo bebala, ungaze ucinge ukuba unalo ulwazi lokuba yintoni enikuthi yenziwe ukulungisa ingxaki abajongene nayo.

- ...ukuba, ubuni namava abantu ngocalucalulo zimacala maninzi; abasetyhini abatsha bebala eHerschel badibana noluhlu lwemiqobo kunye neentlobo ngeentlobo zengcinezelo ezingaqhutywa bubuhlanga bodwa, koko isini, iklasi ngokokuhlala kunye nenkolo; ngoko ke kuyanyanzeka ukuba amanyathelo iHerschel ewathathayo ekuziseni ubulungisa asekelwe kwinkululeko yabasetyhini nokwamkela amava abantu abanawo ngocalucalulo.

- ...ukuba inkcubeko ebalaseleyo yeseHerschel mayibe kukuqhubela phambili ukulwa ucalucalulo ngobuhlanga ngokuthi singoyiki ukubuyela kwimbali yeli kwakunye nemiba eyenzeka kwixesha langoku.

- ...ukuba kusekuninzi okufuneka kwenziwe.

2. Injongo yethu

- ...ukuzama ukulungisa iyantlukwano ngokwebala eyenzeka ngexesha eladlulayo, kunye nekamva lesikolo elisekwe ekulinganeni, umanyano, uxolo, ukuxabisa idemokhrasi kunye nobulungisa ngokwezentlalo.

- ...ukusekela iHerschel kwesiseko sentlonipho, nokuxabisa namalungelo oluntu.

- ...ukuthomalalisa nokuthintela intlungu eHerschel ezabangelwa ziingxabano ngobuhlanga, inzondo nokungakhathali.

- ...ukufezekiswa kweHerschel apho ngokekho kumelana nocalucalulo ngokwebala kuzo zonke iindawo kwaye ukuzibonakalisa kubalasele ngapha kwayo yonke imigaqo-nkqubo.

- ...ukwakha indawo yokufunda nokusebenzela eHerschel ngengonjo zokukhusela kunye nokubhiyozela inkululeko, ubuni, ukungafani kunye nesidima sabo bonke abafundi, abagcini kunye nabazali, abasebenzi kunye nabathathi-nxaxheba bebala.

- ...ukuxhobisa uluntu eHerschel ngokuvulela wonke ubani amathuba; amathuba alinganayo namava singajonganga bala, buhlanga, iklasi ngokuhlala, inkolo nesini.

3. Sizibophelela

- ...ekugqweseni kugqatso lokubandakanya abantu bebala nokumelana ngqo nobuhlanga nocalucalulo kwiziko lethu iHerschel, iindawo ezisingqongileyo nesizwe siphela.

- ...ukuqhubeka nencoko emalunga nobuhlanga nocalucalulo ngobuhlanga ngokuthembekileyo nangokunyanisekileyo, engaphelelanga kwiziko lethu, kodwa ebandakanya iindawo esihlala kuzo kunye nelizwe liphela.

- ...ukwenza inkcubeko yokuhloniphana nokuhlonela ukungafani kwethu ngokwamava, iimfuno nezidingo ibeyinto enesihlahla kwiziko iHerschel.

- ...ukuqinisekisa ukuba imiba enxulumane nobuhlanga, ukungafani nomanyano zizinto ezihlala zihleli kwi-ajenda yeentlanganiso zonke, kwaye iyabhalwa kwimizuzu yazo.

- ...ukuqinisekisa ukuba kukho indlela zonxibelelwano ezivulelekileyo kunye namaqonga apho abantu ngaphakathi kweHerschel abayakubanako ukunika ingxelo ngezehlo zobuhlanga.

- ...ukwakha inkcubeko esekelwe ekuthembaneni apho naluphi na ulungu loluntu lwaseHerschel luthi luzive lukhululekile kwaye luzithemba ngokuxela nokumelana ngqo nemiba yocalucalulo ngokwebala, bazive bekhuselekile ngokuthi bazi ukuba bayakumanyelwa ngentembeko kwaye amanyathelo aya kuthathwa

- ...ukujongana nezityholo zocalucalulo ngobuhlanga nzulu nangokunyanisekileyo, nokuthatha amanyathelo ngenjongo, ukujongana nonobangela kunye neziphumo zalo.

- ...ukunika abantu bebala amaqonga neendawo ezikhuselekileyo apho bathi bobelane ngamava abo, bahlalutye imiba yocalucalulo ngokwebala. Sizibophelela kwinto yokuba, iindawo ezikhuselekileyo apho ubani athi abonise ingqumbo nokungeneliseki kwakhe apho kukho intswela-bulungisa, yimfuneko
    - ...ukutyebisa ezi ndawo ngezixhobo, nokuqinisekisa ukuba inkxaso evela kubaphathi eHerschel ikho.

- ...ukubonisana nabantu bebala, nokubamema ukuba bafake isandla negalelo ngokusabela ngezimvo namava abo, njengamalungu okuhlala nanje ngamalungu oluntu lwaseHerschel.
    - ...ukungahambisani nengcinga yokuba abo batheha ngokuphandle, baququzelele ucalucalulo ngobuhlanga balindeleke ukulusombulula okanye ukufundisa abanye abafundi ngalo.
    - ...ukunyanzela abo banezikhundla eziphezulu ekuhlaleni ukuba baqhubeke gqolo nokuthatha ixanduva, elabo nelabanye, lokusebenzela ukuphumelelisa ubulungisa malunga nocalucalulo ngokwebala eHerschel and kwindawo ngendawo abahlala kuzo.

- ...ukuqhubeka nokubumba nokuhlohla izifundo ezimanya, zisandisa ngobunono ulwazi nokuqondwa kobuhlanga kunye nocalucalulo ngobuhlanga nje ngomqolo oqhubela phambili nobumba ilizwe esizalelwa siphinde siphile kulo.

- ...ngaphezu kwako konke, ukwenza iHerschel apho abafundi nabasebenzi baziva bengamalungu abalulekileyo namkelelekileyo.